



Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 12

SEPTEMBER 2012

**ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO(FAL) – P2
IMEMORANDAM**

AMANQAKU: 70

Le memorandam inamaphepha ali – 13.

ICANDELO A: INOVELI**UMBUZO 1 (UMBUZO OMDE)****KUSA KUSIHLWA- KS BONGELA**

Umfundi angachankcatha phantsi kwezingongoma zilandelayo:

Nomakhwezi

- Ubukhwele obudlulisileyo.
- Imvano yakhe noNozililo.
- Ingqumbo yakhe kubathengi nabantu abazisondeza kuLungile.
- Ukungabathandi kwakhe abantu bomzi wakhe.
- Ubungqwabalala bakhe emyenini wakhe nakubanye nje abantu.
- Unochuku
- Inkcitho eninzi
- Ubuzwilakhe
- Umsindo odlulisileyo/ akalwamkeli uxolo.
- Impixano phakathi kwakhe noYolisa.
- Ukungazithembi nokungathembi umyeni wakhe.

Lungile

- Ukuthenga kwakhe ishishini kudale impixano phakathi kwakhe nomyeni kaNozililo.
- Ukunyamezela ukungcungcuthekiswa ngumfazi.
- Ukungavani nomfazi ngenxa yowlimi.
- Ukungakwazi ukunqanda ebona ukuba kuyonakala.
- Ububhetye-bhetye bakhe bokuvumela ukulawulwa yinkosikazi.
- Ukulandela kwakhe igama lakhe kudale impixano.

Nozililo

- Ungcolile
- Unentlebendwane edlulisileyo.
- Unobuhlanga
- Uyingcuka eyambethe ufele Iwegusha.
- Ulixoki lokwenene.
- Uthanda amawonga.
- Unomona nenkohlakalo edlulisileyo.
- Unamaqhinga

[35]

OKANYE

UMBUZO 2 (UMBUZO OMFUTSHANE)

KUSA KUSIHLWA- K S BONGELA

- | | | | |
|-----|--------|---|-------------|
| 2.1 | 2.1.1 | Lungile | (1) |
| | 2.1.2 | Wokuthengisa i-inshorensi. | (1) |
| | 2.1.3 | Ebesebenza kumzi wemichako(amalaphu)/ Briana Fem/ebenevenkile. | (1) |
| | 2.1.4 | Waye wagula wacetyiswa nguggirha ukuba atshintshe umsebenzi. | .(2) |
| | 2.1.5 | Ubectinga ngempatho mbi ayifumanayo enkosikazini yakhe nenokudala ukuba angabikho, nendlela umfazi wakhe aqhuba ngayo emzini wakhe njengoko sele egula. | (2) |
| | 2.1.6 | Ngumntu ozithandayo/ inene / umntu ohlala enxibe cocekileyo ngokufanelekileyo. | (2) |
| | 2.1.7 | Yi Durban. | (1)
[10] |
| 2.2 | 2.2.1 | Umfazi ugxoge imoto yomsebenzi ngamatye wayityoboza. | (2) |
| | 2.2.2 | Wayengenabo / nanjengonyana ekuphela kwakhe. | (2) |
| | 2.2.3 | Uthetha ukuthi akaphilanga ngamandla/ugula kakhulu. | (1) |
| | 2.2.4 | “Kule mpilo yam ikekeleyo”. | (1) |
| | 2.2.5 | Kukuqhekezelana / ukwahluelana ngento. | (1) |
| | 2.2.6 | Ufaniswa nompha ochutywe walahlwa. | (1) |
| | 2.2.7 | Ngumntu onochuku othanda ukulwa / ongenaluxolo ngalo lonke ixesha /othanda ukungxola nokuba into ayingxolisi/ otshayo osoloko esenza kube kubi/ ongonwabisyo. | (1) |
| | 2.2.8 | NguThamsanqa | (1) |
| | 2.2.9 | Eyokuqala aze afunde / agcine ilifa likayise (ivenkile) / agcine umama wakhe uThamsanqa kunye noYolisa. | (3) |
| | 2.2.10 | NguNozililo noMntongana Makhwetshu/ NguNozililo nomyeni wakhe. | (2)
[15] |

2.3	2.3.1	NguMpumelelo noYolisa	(2)
2.3.2		Umfanekiso womntu ophoxakeleyo / olusizi / ongonwabanga emphemfumlweni/ odanileyo/ obonakala esoyika engakhululekanga.	(1) (1)
2.3.3		Belusiya eStanger.	(1)
2.3.4		B / unenzondo kakhulu.	(1)
2.3.5		Ngumona odlulisileyo ngalowo uthandana naye kwabanye abantu / ngamagxa athi ubani abenawo ngalowo amthandayo/ sisifo samagxa esidlulisileyo.	(1)
2.3.6		Yinto yokuba kubonwe uLungile ehleli nomntu obhinqileyo (uMebhelina) ehotele kubonakala ingathi ngabantu abathandanayo.	(2)
2.3.7		Asiyonyani / Le yintombazana uLungile asebenza nayo ayifundisa umsebenzi.	(2) [10]

[35]

OKANYE

UMBUZO 3 (UMBUZO OMDE)

UMQOL'UPHANDLE- PM NGANI

Umfundi angachankcatha phantsi kwezi ngongoma zilandelayo:

- Umbhali uveza ukubaluleka kokuba ulutsha luzikhetheli iindawo ezifanelekileyo zokonwaba.
- Iziyobisi azisosisombululo xa unengxaki.
- Ubungqina obubambekayo phambi kokuvalelwu komrhanelwa.
- Izithethe zakwaNtu(ukuhambelana kwezizalwane xa kuswelekiwe)
- Ubungozi bomsebenzi wamapolisa nabecuphi.
- Imfundiso kubantu abanemipu.
- Ukubaluleka kwexwebhu lolwabiwo-lifa umntu esaphila.
- Ukugcinwa kwezinto ezibalulekileyo(zexabiso) kwindawo ezikhuselekileyo.
- Ulumkisa abantu abaneentshaba.
- Imfundiso yokuba akukho nto ifihlakala kuphele.
- Izenzo zobundlobongela azinaziphumo zihle.
- Ukubaluleka kokwaziwa ngezinto ezintle.
- Ukukhathalelana kwabantu abazalanayo.
- Ukuma enyanisweni.
- Ubude bengalo yomthetho.
- Ukuthembeka

[35]

OKANYE

UMBUZO 4 (IMIBUZO EMIFUTSHANE)

- 4.1.1 Luphando ngombulali kaEddie Maga noLulama Zuma. (2)
- 4.1.2 NguLinda Monti (1)
- 4.1.3 Yenzeka endlwini kaLinda Monti. (1)
- 4.1.4 Ucebisa ukuba ayazi ukuba yonke into ayithethayo ingabubungqina obungabe bujoliswe kwakuye, mhlawumbi ematyaleni. (2)
- 4.1.5 Ungunobhala eMoonglow Night Club. (1)
- 4.1.6 Bafunyenwe beswelekile kwingozi yemoto, uEddie enembumbulu entloko. (2)
- 4.1.7 ULinda ebethandana noEddie kwaye sebengejene/befakene umsesane wengeji. (2)
- 4.1.8 NguDuma Hlelo / ngumqeshwa kaLinda. (1)
- 4.1.9 Ebexakekile etshintsha amavili, ngumqeshwa kaLinda. (2)
- 4.1.10 Omnye uyakuthi yivolovolo / omnye uyakuthi yileta ebibhalwe nguLinda eyibhalela uEddie ngosuku olwandulela ukufa kwakhe. (2)
- 4.1.11 Uthetha ukuthi makangazenzi umntwana / usana / imveku. (1)
[17]
- 4.2.1 Ngumcimbi wokuthengiswa kwentsangu eMoonglow Night Club. (2)
- 4.2.2 Ichaza ukuba bayamnyanzelisa abamcengi kwaye ukuba akenzi njalo bazakwenza into ngaye / bangade bambulale nokumbulala. (2)
- 4.2.3 Kungokuba intsangu inenzozo / ingenisa imali eninzi. (2)
- 4.2.4 NguThembisa, Dungana noNzulube. (Nika amabini kuphela) (2)
- 4.2.5 Bathi baza kuyifumana kwimpi yaseMampondweni, eTranskei bona baza kubanika utywala ibhranti bona bafumane intsangu kangangoko befuna. (2)
- 4.2.6 Isizathu sesokuba bakholelwa ukuba wazi into eninzi kakhulu /sebemfake kakhulu ekhwapheni ngoko boyikela ukuba aye kubachaza / aye kubakila emapoliseni. (2)

- | | | |
|--------|---|-------------|
| 4.2.7 | Zazizezokunika ulonwabo ebantwini / ukwenza indawo apho abantu banokuzihlaziya ingqondo zabo ngexesha lokuphumla. | (2) |
| 4.2.8 | Ithetha ukuba babenokumbulala nokumbulala. | (1) |
| 4.2.9 | Mna ke andikaguquki kwezo njongo. | (2) |
| 4.2.10 | Kukumqhelisa | (1)
[18] |
- [35]**

OKANYE

ICANDELO B: IDRAMA

UMBUZO 5 (UMBUZO OMDE)

NDIYEKENI- DM JONGILANGA

Umfundi angachankcatha phantsi kwezi ngongoma zilandelayo:

- UMawonga akaboni gxeke kodwa uyanyaneliswa ukuba enze into ngalento (uNdila uyawenza umsebenzi wakhe eklasini akukho nto) Uyagxothwa uNdila ngoba kakade ubulala ikamva labantwana
- Inzondo nentiyo eninzi.
uNdila uzonda uMawonga.
umfazi kaNdila naye ngokwakhe ufunga umunc'intupha.
- Impindezelo
UMaziko ngoku uhambisana noNdila ukuba aziphindezele kuMawonga
- UNdila ubekela uMawonga umgibe kuba emgxothile
- Udibanisa uZanele noMawonga ekunye noFuneka.
UNdila akabonakalisi bubi kuMawonga kodwa uyazazi into aqamele ngayo.
- Isiwo sikaMawonga:
 - ufundiswa utywala bude bumlawule
 - utselwa imali nguZanele neqabanekazi/ umhlobokazi wakhe uFuneka.
 - umzi wakhe uwenza ikhaya lenyembezi
 - umsebenzi akawuxabisanga yinto eya emsebenzini inxilile.
 - uphelelwa ngumsebenzi.
 - uyagxothwa kwaFuneka
- Impindezelo:
 - uMawonga ziyabuya ingqondo zokuba enjenje akazenzanga wenziwe.
 - ucwangcisa impindezelo yakhe ukuze emva kokufa kwakhe icekwa lisale noNdila, Funeka kunye noZanele.
 - utsala ubungqina kwindawo zonke ezibalulekileyo ngokufa kwakhe.

- Iziphumo zobubi:

- uNdila uwetywa intambo amahlakani /abahlobo bakhe bagwetywa iminyaka elishumi emnye entolongweni.
- ububi ababenzileyo ebomini bukaMawonga buya bajikela nabo.

[35]

OKANYE

UMBUZO 6 (UMBUZO OMFUTSHANE) NDIYEKENI- DM JONGILANGA

- | | | | |
|-----|--------|--|------|
| 6.1 | 6.1.1 | Yenzeka kwaFuneka / endlwini kaFuneka. | (1) |
| | 6.1.2 | Ukhohlakele ungcilile, uyazithanda izisulu, utya imali yamadoda (nayiphina ebonisa ukungalungi kwakhe yamkelekile) | (2) |
| | 6.1.3 | UMawonga Loni ebekuba yinqununu kwisikolo ebesebenza kuso uNdila noMaziko/ ngulo uNdila noFuneka bamdibanise noZanele ngenjongo yokumtyela imali yakhe./ zokumphalaza / nokumfundisa utywala. Ngumsebenzi wakhe wobunqununu. | (2) |
| | 6.1.4 | Ithetha ukuba abo balumkileyo bona batya bebeka belungiselela ingomso abatyi nje konke ngexesha elinye. | (2) |
| | 6.1.5 | Lichaza ukuba lichule elijonge inzuzo nelizamela isiqu salo kuphela. | (2) |
| | 6.1.6 | Yinto yokuba ububi abenzele uMawonga bungaphinde bumjikele naye. | (1) |
| | 6.1.7 | “Umgibe obambisa ngawo unqakulwa kwanguwo uthiywe bantu bambi” | (1) |
| | 6.1.8 | Ekufeni / kwabo bafileyo / baswelekileyo /kwelabafileyo. | (1) |
| | 6.1.9 | Hayi, uZanele ebebonakalisa ukumthanda uMawonga engenanjongo zakumphalaza koko izihlobo zakhe bezinezinye iinjongo zazo kuba ebekubalo emsizela engafuni ukuba asele. | (2) |
| | 6.1.10 | Yinkomo / Yimazi yenkommo. | (1) |
| | 6.1.11 | Isisulu siphelile. | (1) |
| | | | [16] |
| 6.2 | 6.2.1 | Bavela ebhayaskophu. | (1) |
| | 6.2.2 | Uyozela / babuya ekonwabeni ixesha kusekuseni ngentsimbi yesibini. | (2) |
| | 6.2.3 | Uthetha ukuthi yena akanaxesha labantu abadala abasafuna ukondliwa okwamantshontsho entaka / athi umntu emdala abe ezenza umntwana angaziboneli yena ukuba imeko ithini. | (2) |

6.2.4	Ngumsitho wokuba bephumelele ukumenza uMawonga abelinxila aphelelwe nangumsebenzi / bephumelele kwicebo lakhe lokuziphindezela kuMawonga ukuze naye afumane esakhe.	(1)
6.2.5	Shame!	(1) [7]
6.3	6.3.1 NguMawonga	(1)
	6.3.2 Xa ubani ebhatalwa ngomsebenzi awenzileyo / ukurhola amehlo.	(2)
	6.3.3 Lithetha ukuba uswelekile / akasaphili / ubhubhile.	(1)
	6.3.4 Kukuyiphonononga / kukuyiqwalasela ngamandla / ukuyijongisia.	(1)
	6.3.5 Uzibulele ngokutya ityhefu.	(2)
	6.3.6 Ungene ngefestile ibingavalwanga kakuhle.	(2)
	6.3.7 Lichaza ukuba ebesoyika / ephakuphaku / exhome amehlo.	(1)
	6.3.8 UFuneka ucebisa ukuba masithathwe isidumbu silahlwe emfuleni.	(2) [12]
		[35]

OKANYE

ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE

UMBUZO 7 (UMBUZO OMDE)

NDAKUYICELA IVUTHIWE- LL NGEWU & EZ GUQA

Umfundi uya kucangcatha phantsi kwezi ngongoma zilandelayo:

- Ukuzalwa kukaMntuyedwa.
 - ukukhula kwakhe
 - uthando lukamama wakhe kuye.
 - Indlela akhule ngayo eyedwa kokwabo.
- Indalo
 - llizwi lakhe.
 - ubumpuluswa ebusweni.
- Umama wakhe uMadosini.
 - ubuhlobo nobudlelwane anabo noMntuyedwa.
 - imisetyenzana ayenzayo phakathi kwekhaya.
 - imvano anayo nabantu basetyhini / ababhinqileyo.
 - esikolweni(llizwi lakhe)
 - ububhetyebhetye kumama wakhe
 - isiggibo sikamama wakhe emncama umntwana wakhe.
- Impatho yamakhwenkwe.
 - ukumphatha kakubi.
 - ukumnyanzelisa bezama ukumtshintsha.
- Abantu bokuhlala
 - isiggibo sembizo.
 - ukugxothwa esikolweni / nakokwabo.
 - umfundisi wasenkonzwani.
 - abantu baseMnyameni.

[35]

OKANYE

UMBUZO 8 (UMBUZO OMFUTSHANE)

NDAKUYICELA IVUTHIWE- LL NGEWU & EZ GUQA

8.1	8.1.1	NguFikizolo	(1)
8.1.2		Wayeyinqununu kwisikolo salapha eDangwana / wayenomzi omkhulu kwaye enimfuyo eninzi / ngutata wekhaya.	(2)
8.1.3		Inkewu	(1)
8.1.4		Wayebuhlungu ezibona elilolo.	(2)
8.1.5		Wacinga ukuba umke nezihlobo zekhaya ebezihlala eHiwahlwathi.	(2)
8.1.6		Ukutshuntuza	(1)
8.1.7		Ngumhlolo	(1)

- 8.1.8 Kukuzama ukuxolisa umntu osentlungwini / ukuphelisa intlungu/ ukuthuthuzela (2)
- 8.1.9 Uye emagqirheni waya nakubathandazeli. (2)
[14]
- 8.2 8.2.1 Akabanga sazikhulula izihlangu ulele ezinxibile ngoba besele ziphele tu inyawo sele zingaphandle. (2)
- 8.2.2 Umfanekiso womntu ongutsotsi, unqalintloko osele ezincamile / umgulukudu. (2)
- 8.2.3 Sithetha ukuba ebengazinzanga ngokungathi ngumntu lo udlulayo. (2)
- 8.2.4 Edinwe eyimfe (1)
- 8.2.5 Lithetha ukuba wayembi kuba inwele zazidlakadlaka ubuso burhaphilili zindevu. (1)
- 8.2.6 NguFanabekho/ Mvemnyama (1)
- 8.2.7 Libonisa ukuba yayindala kakhulu ingasenabo noboya. (1)
- 8.2.8 Lelokuba kwindawo asuka kuyo ebengenandawo, nokoyika ukubulawa ngabahlali. (1)
- 8.2.9 Yinto yokuba ngoku ukokwabo uziva ekhuselekile. (2)
- 8.2.10 Ibhedzi ethambileyo. (1)
- 8.2.11 Waye wahlaselwa ngabahlali bakwaNobuhle ngenxa yobusela bamshiya besithi bamosele. (2)
- 8.2.12 Wayebanjelwe ukuba ihempe kwivenkile ethile. (2)
- 8.2.13 Uvela eTinarha ebeyingcibi apho kuye kwafa amakhwenkwe ade amahlanu, abazali balomakhwenkwe bebefuna ukumbulala, ubaleke apho. (2)
- 8.2.14 Ibisele ilishumi elinesixhenxe /17. (1)
[21]

[35]

OKANYE

ICANDELO D: ISIHOBE**VUKANI MADODA KUSILE- A STEMELE: UMHLELI**

Phendula nayiphi imibuzo **emiBINI** apha.

UMBUZO 9 (IMIBUZO EMIFUTSHANE)

- | | | |
|------|---|-----|
| 9.1 | Yisonethi, unemigca eli- 14, izitanza zibini esinye sina- 8 esinye sina-6. | (2) |
| 9.2 | Ubobo yinto eshinyeneyo engqingqwa, umbhali uzama ukubonakalisa ukuba ubuhlobo kufuneka bomelele kube nzima ukuchitha-chithwa zintshaba | (2) |
| 9.3 | Ubonakalisa ubuhle nokuthandeka kokubona abantu abamanyeneyo. | (2) |
| 9.4 | Aphuhlisa into yokuba ubomi abukho lula buzele ziingxaki nezinokumwisa zimphalaze umntu. | (2) |
| 9.5 | Kukubamba isityalo somelele, nokufunxa amanzi. | (2) |
| 9.6 | Eyombona / eyetapile. (Nayiphi na engenye echanekileyo.) | (1) |
| 9.7 | Lubaxo / ugqithiso / ubabazo | (1) |
| 9.8 | Intsimbi yesinyithi. | (1) |
| 9.9 | Kukuthetha into evanayo / ukuba moya mnye. | (2) |
| 9.10 | Naye nawuphi na umntu uxolela ukufa ngesizalwane okanye isihlobo sakhe. | (2) |
| 9.11 | NguQangule ZS. | (½) |

[17½]

OKANYE**UMBUZO 10**

- | | | |
|------|---|-----|
| 10.1 | Okwengelosi- Sisifaniso, umbhali uzama ukusibonisa ubuhle nobumsulwa bale nkonjane. | (2) |
| 10.2 | Ithetha ukuba uyifunela kuye / uyenza eyakhe | (1) |
| 10.3 | Ubumbeje-mbeje bamabala obenza ubuhle. | (1) |
| 10.4 | Wayiqwalasela wayiphonononga wabubona ubuhle bayo bugqibelele busonelisa bungenaso nesincinci isiphako. | (2) |

- 10.5 Ubuuhle bayo ubufanisa nemini entle yehlobo. (2)
- 10.6 Kukubona into ubungayilindelanga / ukubona into ekungafanelekanga uyibone, Umzekelo: izinto ezimdaka zobusuku. (2)
- 10.7 10.7.1 B / ukukhwaza uchaza umcimbi.
10.7.2 D / ukophuka umphefumlo.
10.7.3 A / ukuhamba ngokuzithemba. (3)
- 10.8 Bubuxoki, inkonjane zifumaneka ehlotyeni kuphela. (2)
- 10.9 Yonwabile, imbongi iyazicacisa ukuba ingumthandi wendalo. (2)
- 10.10 Ziinwele (½)
[17 ½]

OKANYE**UMBUZO 11**

- 11.1 Kha usixebole, ichaza ukuba ubuhle bentyatyambo bungakwenza ude uyifanise nomntu (2)
- 11.2 Ifumaneka emimangweni / emathafen / emifuleni / emachibini nakwizitiya (neziphina ezintathu). (3)
- 11.3 Bazisebenzisa ukuhombisa ngobuhle/ nokuthanda ivumba lazo. (2)
- 11.4 Ibenza balibale babuke ubuhle bazo. (2)
- 11.5 Kungokuba ulutsha luthi luyenze isihombo salo, isihombo eso esithi sithandwe lilizwe liphela. (2)
- 11.6 Sisadlunge / yiProtea (1)
- 11.7 Yincindi yazo (1)
- 11.8 Igadi (1)
- 11.9 Uthi uluntu maluyixabise indalo/ uthi uluntu lungafunda lukhulu kwintyatyambo ziyonwabiswa kwaye zondla nabo balambileyo. (2)
- 11.10 Ubune (1)
- 11.11 Kwiibhekilana / amagogogo / neembodlelana. (½)
[17½]

OKANYE

UMBUZO 12

- 12.1 Kuthethwa ngabantu abaMnyama / abaNtsundu. (1)
- 12.2 Lelingxolayo (1)
- 12.3 Ngaphakathi (1)
- 12.4 Siphuhlisa ukudededa kobumnyama / ukucaca/ nolwazi gca ukuze sazi kangoko ngolu hlobo lwabantu ekuthiwa ziimbongi. (2)
- 12.5 Enzima (1)
- 12.6 Ithetha ukuthi makuziwe nomntu onesiphiwo sokuthetha esodlula nesembongi. (2)
- 12.7 Eyomthonyama yona isuka idanduluke ibonge kanti eyosiba iyawucwangcisa iwubhale phantsi ilandele imithetho yobhalo eqingqiweyo. (2)
- 12.8 Zingabonga iinkosi / Oogxa bayo / abantu abahloniphekileyo / amagorha Izilwanyana (nezinye iimpendulo ezichanekileyo ziya kwamkeleka) ($\frac{1}{2}$)
- 12.9 Imfano-zandi, lugxininiso (2)
- 12.10 Luchaza ukuba imbongi ziyakwazi ukuthuthuzela abo basentlungwini/ ukosula iinyembezi kwabo basentlungwini. (2)
- 12.11 Ngowonwabileyo / ngovuyayo / onemihlali / onemincili. (1)
- 12.12 Luthi iimbongi ngabantu abakwaziyo ukwakha uxolelaniso kwaye iimbongi zakwaXhosa zakubonakalisa oko ngexesha kwakukho udushe phakathi kwamakhosi aphesheya kweNciba / Ziyakwazi ukomeleza / ukuqinisa amagwala / ziyathuthuzela kwabantliziyo zaphukileyo. (2)
[$17\frac{1}{2}$]

AMANQAKU ECANDELO D:	35
AMANQAKU EWONKE:	70